# Inyikima e Rautini ! Gqala esase Sodom ! !

(Yimbongikazi Nontsizi Mgqwetto.)

Taru mhleli ngesituba sezi Mbongi
Ndiko noko ndingumfana andimbongi
Ndingu mpati tunga pesha kwe Gqili,
Into elwa ngombane induku zihleli.

"Yatsho Inyikima" yatsho kuhleliwe,
"Yatsho" sonwabile yaveza iminwe
"Yatsho" abelungu bazinkwabalala
"Yashiya" makula ambete isandla.

"Yatsho Inyikima" yenza Isijwili
Kwaye nokuyola kwenza isanzwili
Umhlab' uyolile uvuso kudala
Kobomi bomhlaba umhendi omdala.

Nene kuyolile umzi ugongqile,
Wonke wonk' upela uvele ngonwele
U-Satana ubonga kutshone nenkaba
Nini magqob'oka kwanati maqaba.

Umhlab' uyolile yinkohla yinkinga
Kona e Rautini kwenzek' izimanga
Kuk'ule ushwesho, kuk'ule umnxilo
Andikawuboni nongaka umnxilo.

Zandile nengqola kule nzala yetu
Bandile no Laita kwizwe lakowetu
Yiyo ke lemfundo sigwagwisa ngayo
Kwanale mpucuko nisifunze ngayo

Ndipezu kwengxoxo ndiqaul' incebeta
Ndilwa mna ngombane ndenz' ukuta-
[kata
Tu nto sekuyiyo nango namasela
Ndakuvumbulula mna ndonosela

Siko ngaku Tixo nase Sataneni
Abambe lipi ke? Yena Kuyangweni
Singabo nxazonke abangenacala.
No Tixo 'kasazi sife namacala.

Kunje nge "Sodom" namhla ne
["Gomora"
Litsho i "Vukutu" le "Ntili" zase Mara
Nemizi ka Tixo yaba ngamanxiwa
Kumnka be Fundisi, ngati saposelwa.

Ulinganisiwe wabonwa ulula
Nantso "Inyikima" namhla sukulala
Emnka namasiko aye silungwini
Kuba sabancam' otixo base mzini

Kauyek' ukubuza nantso "Inyikima"
Kwanobuhedeni nabo busahluma
Watshona "Umhlaba" yeha ndlu
[Emnyama
Kuba sipatshile sipel' isidima.

Ukuba kunjalo mabandl' ako wetu
Make sibuyele kwinto zakowetu
Sigqal' ese "Sodom" kunye ne Gomora
Litsho i "Vukutu" le "Ntili" zase Mara

Camagu ! !

Umteteli wa Bantu

(Johannesburg)

December 6th, 1924.